

# Vuk'uzenzele



Produced by Government Communications (GCIS)

isiXhosa / English

| September 2016 Edition 2



Deputy President Cyril Ramaphosa (centre), Minister Nkosinathi Nhleko, and Acting National Commissioner Kgomotso Phahlane during the South African Police Services' Annual Commemoration Day.

## Police officers honoured

**Neo Semomo**

Deputy President Cyril Ramaphosa says the killing of police can never be justified and must come to an end.

"We must build a culture that values police that sees them not merely as public servants, but as courageous men and women who have answered a calling."

The Deputy President was speaking during the National Commemoration Day ceremony to remember members of the South African Police Service (SAPS) who lost their lives in the line of duty. The ceremony was held in honour of police of-

ficers who lost their lives between 1 April 2015 and 31 March 2016.

He added that citizens should work together to create a nation that cares for each other.

"Together we must build a nation that values the sanctity of life and protects the most vulnerable.

"We ask our nation to unite in saying that the murder of our police officers is unacceptable and it must end.

"The death of one police officer is one death too many. It is thus heart-breaking to learn that during the last year 72 members of the police service lost their lives, 40 of them in the line of service," said Deputy Presi-

dent Ramaphosa.

The youngest of the police officers who lost their lives was Constable Sabelo Manyanga (28) who was shot two days before Christmas last year while on duty in KwaZulu-Natal.

He had three children with the youngest being one month old.

The Deputy President said the murder of police officers should not only be condemned but that communities should commit to working with the justice system to ensure that those who commit these crimes pay for their deeds.


"Communities have a vital role to play. By participating in Community Policing Forums they can

have a voice in local policing and become aware of crime trends in their areas."

Deputy President Ramaphosa told the families of the police officers that the country was behind them.

"May you all find comfort in the knowledge that millions of South Africans truly value your loved ones and the service they rendered with distinction to the people of South Africa and our nation as a whole.

"As the names of your loved ones are engraved today on the monument, please know that your pain and your sacrifices remain engraved in the hearts of all of us as South Africans." **V**



**Township economy gets a boost**

Page 9



**Top female farmers honoured**

Page 10



ALSO AVAILABLE ON:



@VukuzenzeleNews

Vuk'uzenzele

Websites: [www.gcis.gov.za](http://www.gcis.gov.za)  
[www.vukuzenzele.gov.za](http://www.vukuzenzele.gov.za)  
 E-mail: [vukuzenzele@gcis.gov.za](mailto:vukuzenzele@gcis.gov.za)  
 Tel: (+27) 12 473 0179

**Free Copy**

# Likomiti zeewadi zikamasipala: Ekufuneka ukwazi



■ Ngokusebenzisa iikomiti zeewadi uluntu lunganegalelo kwizigqibo ezithathwa ngamabhunga oomasipala.

Chris Bathembu

**U**Mzantsi Afrika usanda kubamba uNyulo lukaRhulumente wemiMandla obelukhululekile futhi lungenamakhwini-ba. Ngoku kuza kugxininiswa komnye umba obalulekileyo karhulumente wemimandla eMzantsi Afrika: ukumiselwa kweekomiti zeewadi.

I-Vuk'uzenzele iza kuqwalasela indima nemisebenzi yeekomiti zeewadi ukususele oko le nkqubo yeekomiti zeewadi yaqalayo ukusebenza ngowama-2005.

Ngokomthetho, intlanganisano yokuqala yebhunga elisanda kunyulwa kufuneka ibanjwe zingaphelanga iintsuku ezili-14 emva kokuba iziphumo zonyulo zifakwe kwiphephandaba lakwarhulumente.

## Zintoni iikomiti zeewadi?

Iikomiti zeewadi zenziwe ngabo bamele iwadi ethile.

Zenziwe ngamalungu amele amaqela ahlukeneyo kwiiwadi kwaye usihlalo wazo nguceba wewadi.

Umsebenzi wazo kukuba sisigqeba esisemthethweni esilijelo lonxibelelwano nokubonisana phakathi koluntu noomasipala.

Iikomiti zeewadi zinika abantu ithuba lokuba bavakalise izimvo zabo ngezinto abazifunayo, izimvo zabo ngemiba echaphazela ubomi babo ukuze ezi zinto zikwazi ukuya kufika kumasipala zisisiwa nguceba wewadi.

Iikomiti zeewadi zizigqeba zokucebisa ezenziwa yimibutho yoluntu ukuze zancedise uceba wewadi ukuba enze umsebenzi wakhe ngendlela ethathela ingqalelo izimvo zoninzi lwabantu.

## Ingaba kutheni iikomiti zeewadi zibalulekile?

Iikomiti zeewadi zibalulekile kurhulumente wemimandla njengoko zilikhonkco phakathi kukaceba noluntu.

Inkqubo yeekomiti zeewadi idlala indima ebalulekileyo ekuzalisekiseni umbono othi "abantu baza kulawula". Oku kungenxa yokuba urhulumente wemimandla uthathwa njengeqoqo likarhulumente elilona likufutshane ebantwini kwaye iikomiti zeewadi ziyenye yeendlela zokuqinikisa ukuba abantu banegalelo kwizigqibo ezithathwa ngamabhunga.

UMbutho woMasipala baseMzantsi Afrika (i-Salga), ongumbutho ekukuphela kwawo omele oomasipala eMzantsi Afrika, uthi iikomiti zeewadi zikwabalulekile ekuphuculeni ubudlelwano phakathi kooceba beewadi kunye namahlakani abalulekile eziwadini, afana namabhunga eenkosi zomthonyama kunye nabasebenzi bophuhliso loluntu.

## Ixesha elimiselweyo lokulawula lekomiti zeewadi

Ixesha elimiselweyo lokulawula lekomiti zeewadi lihambelana neli lamabhunga oomasipala kwaye umasipala kufuneka, ngokukhawuleza emva kokuba iziphumo zonyulo zibhengeziwe, abize iintlanganisano zeewadi ukuze amaqela achaphazelekayo ewadini azazise ukuze ekuqibeleni kwanyulwe iikomiti zeewadi ngokwenkqubo esetyenziswayo kumasipala ngamnye.

## Ukonyulwa kweekomiti zeewadi

I-Salga ibhale imigaqo yendlela yokuziphatha yamalungu eekomiti zeewadi, efuma-

nekayo kubo bonke oomasipala. Noko kunjalo, amabhunga oomasipala kufuneka abhale imithetho emalunga nokonyulwa kwamalungu eekomiti zeewadi, eza kuquka amaxesha ekufuneka iintlanganisano zibanjwe ngawo kunye nokulawula kweekomiti zeewadi.

USomlomo, okhethwa sisenzi samalungu ebhunga, ubiza iintlanganisano ewadini yokonyulwa kweekomiti yewadi.

Inani lamagama aphakanyiswayo abantu abaza konyulwa lingafakilela kwabali-10 kodwa lingagqithi kwabali-15.

## Yintoni umsebenzi weekomiti zeewadi?

Ngokokutsho kweSebe loLawulo lweNtsebenziswano neMicimbi yezeMveli ikomiti yewadi ingenza iziphakamisano ngawo nawuphi na umba ochaphazela iwadi yayo kuceba wewadi, okanye ngokuthumela uceba wewadi kwi-bhunga likamasipala, ikomiti yesigqeba solawulo okanye ikomiti yokuxhasa.

Ikomiti yewadi iza kuthathwa njengequmrhu elisemthethweni nelinamagunya elaziwayo libhunga likamasipala njengequmrhu ekungqutyani nalo iintloko nelungumlomo wemiba echaphazela iwadi, equka kodwa ingaphelelanga kule:

- ukumela uluntu xa kuqulunqwa futhi kufezekiswa isiCwangciso soPhuhliso esiDibeneyo (i-IDP).
- ukuqinisekisa ukuba kukho ubudlelwano obuphucukileyo nobuhle phakathi koluntu nomasipala.
- ukusabela kuzo zonke izinto ezichaphazela nezilulutho kuluntu
- ukulwela iimfuno zolu-

ntu, kunye nokuqinisekisa ukuba uluntu luthatha inxaxheba xa kusenziwa uhlahlo lwabiwo-mali lukamasipala.

## Indima edlalwa zikomiti zeewadi

Iikomiti zeewadi zinendima ebalulekileyo eziyidlalayo ekubeni likhonkco elidibanisa umasipala, ibhunga lakhe kunye noluntu. Ezinye iinjongo zeekomiti zeewadi zezi zilandelayo:

- ukudala amajelo onxibelelwano kunye nobudlelwane bentsebenziswano phakathi kukamasipala noluntu ewadini.
- ukuqinisekisa ukuba kukho unxibelelwano phakathi kukamasipala noluntu ngokusetyenziswa kunye nokuhlululwa kweenkonzo
- ukudala ubudlelwano obuhle phakathi kwabahla-

li bewadi, uCeba weWadi, abantu abahlala kwiindawo ezahlukeneyo kunye nomasipala

- ukuququzelela amaphulo okukhuthaza uluntu ukuba luthathe inxaxheba kwiinkqubo zokuqulunqwa, ukuphononongwa ngokutsha kunye noku-phunyezwa kwe-IDP kamasipala
- zisebenza njengamaqurhu okucebisa kwimigaqo-nkqubo yebhunga nakwimiba echaphazela uluntu ewadini.
- ukuba liliso lokujonga ukuphunyezwa kwezicwangciso zewadi, iinkqubo kunye nemali yeengxakana ezincinci yewadi (qaphela libhunga elinamagunya ukuphatha nokulawula ukusetyenziswa kwemali)
- ukukhokela nokuququzelela iinkqubo zewadi. ■

## UMphathiswa ubangwenelela impumelelo ooceba abatsha

**U**Mphathiswa wezoLawulo lweNtsebenziswano neMicimbi yeMveli (i-Cogta) uDes van Rooyen unqwenelela ooceba abatsha impumelelo kule misebenzi yabo mitsha.

"Ngelokunamkela, nina nonke boceba bonyulwe ngokwentando yesininzi, ndiyanibongoza ukuba nihlale nisimelele ngemigaqo yolawulo lwentando yesininzi, imiqathango nomoya woMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika.

"Ndiyanibongoza ukuba nihlale nilihloniphile iwonga enilini kiweyo lokulawula eli qoqo libalulekileyo likarhulumente weli, njengoko lamiselwa ngokoMgaqo-siseko njengeqoqo elahlukileyo likarhulumente, elixhomekeke kurhulumente kazwelonke nakowephondo njengoko nabo be-xhomekeke kulo, futhi elihambelana nabo nalo," utshilo uMphathiswa uVan Rooyen.

Ukwavakalise nokungabinaxhala nadyudyu ngezakhono zooceba zokwenza imisebenzi yabongendlela ekhokelisa iimfuno zoluntu phambili.

"Siyabacela bonke abamasipala bangama-257 beli ukuba baqinisekise ukuba abamasipala bonyulwe kuNyulo likaRhulumente weMimandla lowama-2016 bakhokelwa ngumbono karhulumente wemimandla olawulwa ngokwentando yesininzi nophuhliso apho oomasipala benza umsebenzi wabo omiselwe kumgaqo-siseko," utshilo uMphathiswa. Bonke ooceba baza kuthunyelwa kuqeqesho lwabo baqalayo kwimisebenzi emitsha.

Le nkqubo yoqeqesho iza kunceda ooceba ukuba bayiqonde ngokukhawuleza indlela ibhunga elisebenza ngayo, imithetho elawula ibhunga kunye nobunye ubucukubhede balo msebenzi wabo. ■



# Uqoqosho lwasezilokishi- ni lifumana inkxaso



Lutando Ndamase

**U**rhulumente uthe- mbise ngokuxhasa kakhulu uqoqosho lwasezilokishini.

UMphathiswa okwi-Ofisi kaMongameli ojongene nezokuCwangcisa, ukuHlo- la nokuVavanya, usanda kuphehlelela i-EZASE-KASI Business Fridays. Eli liphulo elikhulu elineenjongo zoku- xhasa uqoqosho lwasezilo- kishini.

Eli phulo lilungiselelwe ukuxhasa uqoqosho lwase- zilokishini mbombo zone zeli.

Ethetha ngethuba kuphe- hlelelwa eli phulo eKapa, uMphathiswa uthe le nkqubo intsha, eyeza nosomashishini osakhulayo uSiyanda Mtulu, liphulo elineenjongo zoku- thutha amathuba ezoqoqosho asiwe nasezilokishini rhoqo ngooLwezihlanu.

“UMbono wowama-2030, awuxhomekekanga kuphela kurhulumente namashishini abucala.

“Into endiyithandayo ngeli linge kukuba lizisa amashishi- ni amakhulu lize liwadibani- se noosomashishini kwiiloki- shi zethu ukuze likwazi uku- xhasa nokuphucula uqoqosho

lwezi ndawo.

“Andisakwazi kulinda uku- bona eli linge liqhuba rhoqo ngooLwezihlanu, hayi nje apha eKapa kuphela koko nakwiRiphabliki yoMzant- si Afrika iphela,” utshilo uM- phathiswa.

UMphathiswa uthe i-EZA- SE-KASI Business Fridays iza kuphawulwa nangemiBala

**“Into endiyithandayo ngeli linge kukuba lizisa amashishini amakhulu lize liwadibanise noosomashishini kwiilokishi zethu...”**

yesiCwangciso seSizwe so- Phuhliso (i-NDP) ebisanda kuphehlelelwa ngokusesi- kweni ukuze kushukunyiswe abemi beli ukuba bathathe nenxaxheba kwi-NDP noqo- qosho lwasezilokishini.

USEkela-Mphathiswa we- zoKhenketho, uTokozile Xasa, obezimase umsitho wokuphehlelelwa, uthe eli lelinye lamalinge aphucuke kakhulu okukhulisa uhlumo



UMphathiswa uJeff Radebe apha umi noMaymarie Du Plessis (ngasekhohlo), uMakagiso Mtulu, Lwazi Kanta kunye noJustice Maphala kumsitho wokuphehlelelwa kwe-EZASE-KASI Business Fridays.

loqoqosho ezilokishini.

Uthe kukwakho namathu- ba okuphuhliswa kwezise- ko ezingundoqo, uphuhliso lwezakhono nokufumana uhlobo lolwazi olufunekayo ukunceda ukuba amashishini asezilokishini aqhube kaku- hle.

“Kukho abantu abaninzi abenazakhono zemveli ezifa- na nemisebenzi yezandla yo- bugcisa. Ikhona yonke into efunwa ngabakhenkethi xa beze apha eMzantsi Afrika,” utshilo uSekela-Mphathiswa.

Le nkqubo kulindeleke iqa-

liswe mbombo zone ukuze ixhase amashishini aseziloki- shini.

UMtulu ubongoze bonke abemi boMzantsi Afrika uku- ba banxibe iimpahla ezive- liswe ezilokishini, baye kutya izidlo zabo zasemini eziloki- shini futhi bathathe inxaxhe- ba nakumaphulo okutyelela ezilokishini futhi bathenge nezinye izinto kumashishini asezilokishini.

“Oku kuza kunceda abe- mi boMzantsi Afrika abani- nzi ngokudala imisebenzi kwaye kukwanika nethuba

kwiinkampani ezininzi uku- ba zixhase futhi ziqhube ushi- shino neenkampani ezixhasa iNkqubo eBanzi yokuPhu- hliswa kwabaMnyama kwe- zoQoqosho (i-BBBEE),” utshi- lo.

Inkampani ye-inshorensi yakwaSantam iyalixhasa eli linge.

UJohn Lomberg wakwa- Santam uthi le nkampani iza kuqeqesha abantu, ifuna ukuqeqesha oosomashishini abasakhasayo abangama-600 ukuya kuma-800 kulo lonke eli. **U**

## Claiming maternity benefits

Sekgabo Kedijang

**L**earning that you are pregnant is often the most exciting yet life-changing experience in a woman's life. This can also be a daunting and confusing experience for most women and may raise concern about the possible loss of a regular income.

The Unemployment Insurance Fund (UIF) maternity benefit fund allows pregnant women to take four consecutive months of maternity leave and affords financial relief over a short period of time to care for their newborn babies.

To apply, new mothers can go to their nearest labour centre at the start of their maternity leave.

The window period for ap-

proval takes approximately six to eight weeks and payments will only be made once the birth date is confirmed.

If new mothers want to claim maternity benefits they must use the following steps:

### Step 1: Get the documents ready

Before new mothers can claim, they must get the following documents ready:

- ID or passport
- Form UI-2.8 for banking details
- Form UI-2.7
- Form UI-2.3 (application form)
- Medical certificate from a doctor or birth certificate of the baby
- Form UI-4 (follow-up form)

### Step 2: Go to the nearest labour centre

Pregnant women must go to the nearest labour centre themselves and hand in the documents. If they are too ill, they can organise for someone else to go in their place. Staff at the labour centre will assist them with all the processes and give them more information.

### Step 3: Follow all the instructions of the staff at the labour centre

Staff at the labour centre may ask pregnant women to go to the doctor again or to visit the labour centre at certain times. Applicants should do what is asked of them, or they may not be able to claim.

### How long can I claim?

Women can claim for 17 weeks.

**Note:** Women who miscarry in the third trimester or have a stillborn child can claim for six weeks.

### How will I be paid?

Benefit payments will be paid into your bank account.

### Will I be taxed?

No tax is payable on the benefits.

### What should I do if I get overpayment?

If you get more money than you should, you must pay back the extra money.

### Important

A person cannot claim for maternity benefits if they receive money from the Compensation Fund for an occupational



injury or disease; or any other unemployment fund; or have been suspended from claiming because of fraud. **U**

**For more information contact the call centre on: 0800 843 843/0800 or visit: [www.labour.gov.za](http://www.labour.gov.za)**